URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Richard van der Horst**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Richard.vanderHorst@westerncape.gov.za | 021 467 2991

Inombolo yefayili: 19/3/1
Isalathiso: 20221006-7399

ISetyhula: 0039/2022
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko kwi-*General Education and Training (GET) band*

Isishwankathelo esifutshane: *Inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa kumaBakala 4-9*

**Isihloko: Inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa abakumaBakala 4–9 ngowama-2022**

1. ISebe leMfundo esiSiseko likhuphe iSetyhula 05 yoVavanyo kaZwelonke yowama-2022, yomhla we-05 Oktobha 2022, enika inkcazo ngokusetyenziswa kwenkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa kumaBakala 4–9 ngowama-2022.

2. Iinkqubo zokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya nokunyuselwa kwabafundi zisetyenziswa njengendlela eyodwa yokujongana naziphi na iimeko ezingalunganga ezibangelwa kukuphunyezwa kweenguqu zomgaqo-nkqubo neminye imingeni eyodwa kuloo nyaka wokufunda uchaphazelakayo. Ngowama-2022 ngenxa yokuphulukana nexesha lokufunda okwehlele amaBakala 4-9 okunxulumene neziphumo ezongezelelekileyo zikabhubhane i-*COVID*-19 eziphazamise ukuhamba isikolo ngowama-2020 nowama-2021, kuyimfuneko ukusetyenziswa kwale nkqubo yeminyinyiva iyodwa yokunyuselwa kwabafundi, njengoko kwakunjalo kwiminyaka emibini engaphambili.

3. Ngowama-2022, ukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku nomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kumi ngolu hlobo lulandelayo:

3.1 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kusebenza kubafundi abakumaBakala 4-9.

3.2 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya okungadlulanga **kwii-5%** kuvumeleke kuzo naziphi na **izifundo ezithathu** ezona zininzi ezifundwa ngumfundi. Oku kuthetha ukuba umfundi unako ukunikwa amanqaku phakathi kwe-1% nee-5% yamanqaku afunyenwe ngumfundi kwisifundo, ukuba oku kuya kumnika isimo sokuba aphumelele umfundi.

3.3 **Emva koko,** makwenziwe umnyinyiva wokunyuswa kwamanqaku eMathematika. Ukuba umfundi uzifezekisile zonke iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba (kumaBakala 4-6) okanye ezokupasa (ukwenzela amaBakala 7-9) ukusuka kwelinye ibakala ukuya kwelilandelayo kodwa **umfundi abe angamfumananga u-*level* 3 (40%) okanye ngaphezulu kwiMathematika** yaye ke ngoko kuyimfuneko ukuba agcinwe kwakweli bakala akulo, umfundi onjalo kufuneka anyuselwe amanqaku kwiMathematika.

3.4 Ukunyuswa kwamanqaku **eMathematika** kusebenza kuphela kubafundi abakumaBakala 4-9.

3.5 Ukuba abafundi nakuba kunjalo abazifezekisi iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba ukwenzela amaBakala 4-6 emva kokuba kwenziwe ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kwizifundo ezithathu kunye nokunyuswa kwamanqaku eMathematika, abafundi **basenokudlulela kwesinye isigaba ngenkxaso** esekelwe kwisigqibo esisekelwe kubuchule bomsebenzi wokufundisa senqununu nootitshala abasesikolweni.

3.6 Abafundi beBakala 9 abafumene ukunyuselwa kwamanqaku kwiMathematika basenokukhetha ukufunda i-*Mathematics* okanye i-*Mathematical Literacy* kwiBakala 10.

4. Ukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku nomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kukwasebenza nakubafundi bezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nakwiZikolo zeZakhono ezifundisa izakhono zobugcisa (*technical*) okanye izifundo zokwenza imisebenzi yobuchule (*occupationally orientated subjects*).

5. Imigqaliselo yokudlulela kwesinye isigaba eqhelekileyo iya kusetyenziswa kubafundi abebesele begcinwe kwisigaba.

6. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zokurekhoda nokwenza iripoti zeSebe leMfundo leNtshona Koloni ukwenzela amaBakala 4-9, mazilandele le nkqubo icaciswe ngezantsi:

6.1 Zonke izikolo **mazizikhuphele (*download*) iiprogram ii-*Version* 2** *programmes* ezintsha kwi-*CEMIS* ezikhoyo ngoku ukwenzela amaBakala 4-9 yaye emva koko zithathe amanqaku kwiifayili zazo ezisele zikho ziwafake kwi-*version* entsha.

6.2 Zombini iinkqubo eyokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya neyokunyuselwa kwabafundi ziya kwenziwa yikhompyutha ngokupheleleyo xa kuklikhwe i-*purple button* kwishedyuli.

6.3 Ishedyuli, i-*verification page* ne-*report card* ziya kubonakalisa utshintsho olwenziwa yikhompyutha ngokuchanekileyo.

7. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zazo zokurekhoda nokwenza iiripoti nezinabafundi abaya kuchatshazelwa kukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neminyinyiva yokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa, maziyenze le nkqubo njengoko icacisiwe kwiSetyhula yoVavanyo lukaZwelonke 05 yowama-2022 (**IsiHlomelo A**) eqhotyoshelweyo, ekupheleni konyaka.

8. Iishedyuli ehlaziyiweyo ii-*adjustment and repeat lists*, ne-*verification page* maziprintwe kwaye zinikwe umphathi wesekethe ukwenzela ukuba azingqinisise ekupheleni konyaka.

9. Le nkqubo yomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa ingasentla ayifanele, nangayiphi na indlela ukuzitshintsha iimfuno ezimiselweyo zeprogram okanye iimfuno ezimiselweyo zizonke zokudlulela kwesinye isigaba/zokupasa, kumaBakala 4-9 njengoko kuchatshazelwe kumhlathi 21 we-*National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades* R-12 opapashwe kwiZaziso zikaRhulumente 1115 no-1116 kwi-Gazethi kaRhulumente No. 36042 yomhla wama-28 Disemba 2012.

10. Kucelwa kuqatshelwe ukuba ukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku nomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kusebenza kumaBakala 4-9 ngowama-2022.

11. Kucelwa iinqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 4-9 ukuba zazise ngokuqulethwe yile setyhula bonke ootitshala.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2022-10-20